31 EyeDwarha 2024

***INtetho: IKomiti yoLawulo lweCIRCoRe***

Boogxa nabafundi ababekekileyo,

IKomiti yoLawulo lweCIRCoRe iye yabamba intlanganiso engxamisekileyo ngoLwesihlanu, umhla wama25 kweyeDwarha kowama2024, ngenxa yokuvela kweNtetho eDityanisiweyo yeYunivesithi yaseStellenbosch (SU) noMbutho woPhuculo lwaBahlali baseWilgenhof (AWIR) neKomiti yeNdawo yokuHlala yaseWilgenhof eyakhutshwa ngoLwesine, umhla wama24 kweyeDwarha kowama2024.

Ekupheleni kwale ntlanganiso, sasisele sifikelele kwelokuqukumbela elithi zijongelwa phantsi iingcinga, amandla nexesha ethe iKomiti yoLawulo lweCIRCoRe, ibambisene namalungu enkqubo yeCIRCoRe nabasebenzi nabafundi bale yunivesithi, bebonke bazifaka ekwenzeni ukuba lusebenze uluvo nezindululo zeKomishoni iKhampepe ePhanda iZityholo zobuHlanga eSU.

Ngokusisiphumo soko, thina, siziintloko zemisebenzi yeCIRCoRe kwakunye noMcebisi wangaPhandle, njengenxalenye yeKomiti yoLawulo, siye sarhoxa xa sisonke kwiCIRCoRe.

Ukususela ngoko, siye sadibana noRektha nalapho siye saxoxa ngezizathu zokurhoxa kwethu, saza kananjalo sagqamisa ukuzibophelela kwethu ngamnye ngamnye kwiprojekthi embaxa yokwenziwa kweenguqu eSU nequka iinjongo zeCIRCoRe. Ngaphezu koko, siye savumelana ngokuphuhlisa ngentsebenziswano isicwangciso nenkqubo yokuyekiswa ukuze siqinisekise ukuba iinzuzo esele zifunyenwe ngenxa yeCIRCoRe azilahleki.

Uphuhliso lwezi zicwangciso luza kubandakanya amalungu eCIRCoRe nabanye abadlali beendima abaphambili kule Yunivesithi, kuquka iKomiti yeeNgcebiso kwiCIRCoRe. Isicwangciso sokuyekiswa ke ngoko siya kumiliselwa phantsi kweofisi yeSekela likaSekela Ngqonyela: iFuthe lezeNtlalo, uKwenziwa kweeNguqu naBasebenzi.

Xa sele isicwangciso sokuyekiswa sigqityezelwe ngokuthethathethana nabantu namaqumrhu afanelekileyo, kuya kuthi kwabelwane ngaso noluntu lwale Yunivesithi ngohlobo lwentetho ehlaziyiweyo.

Singathanda ukubulela bonke abo bathe banikezela ngexesha labo, ngobuchule babo, nangezakhono zabo ekuphuculeni ukwenziwa kweenguqu kweli ziko kwaye siyanimemelela nonke ukuba nisebenzisane nathi nanjengoko sifikelela ekupheleni kwamaphulo neeprojekthi eziqalwe kule misebenzi yeCIRCoRe nasekubeni sidibanise zonke izindululo ezenziweyo nazo zonke ezo zisekwinkqubo yophuhliso ukuze zenze ingxelo yokugqibela.

**Ngemibuliso emihle,**

IiNtloko zemisebenzi yeCIRCoRe

abangaba,

UNjingalwazi Ronelle Carolissen

UGqr Phila Msimang

UNjingalwazi Kopano Ratele

UGqr Leslie van Rooi

UGqr Sharman Wickham

noNjingalwazi Andre Keet (uMcebisi wangaPhandle)